



Izinto Eziyimfuneko

Amacebo okufunda nomntwana wakho

Uninzi lwethu sidinga uncedo xa siqala ukufunda nabantwana okokuqala. Nanga amacebo okwenza bonke ababandakanyekayo boneliseke. Zama icebo libe linye ngexesha. Jonga ukuba ngawaphi akusebenzela ngcono wena nabantwana bakho.

Yonwabani

Eyona nto ibaluleke kakhulu kukuba nizole kwaye nonwabe kuba ngaloo ndlela abantwana bakho bayakufunda ukuba ukufunda yinto emnandi nenika umdla.

Bolekisanani ngokukhetha iincwadi

Ngamanye amaxesha kufuneka ubayeke abantwana bakhetha iincwadi abafuna uzifunde. Maxa wambi bonisanani ngeencwadi emanizikhetha kwaye ubonise ngezo ucinga ukuba ziyakufanelana neemfuno zabo.

Lichane ixesha

Jonga ixesha apho abantwana bafumanisa kulula ukuzinza. Kungaba semva kokuhlamba okanye ngaphambi kokuba balale ngexesha lokuthi qwaka kunye/okanye ebusuku.

Ungabaxi

Fundani kunye nilume umthamo onilingeneyo. Abantwana abancinane abakwazi ukuzinza ixesha elide. Ukuba abantwana abazinzi okanye baphelelwa ngumdla, yeka ukufunda, uzame ukuphinda emva kwexeshana okanye ngemini elandelayo.

Ungalitsibi iqweqwe

Funda isaihloko sencwadi kunye negama lombhali kunye nomzobi qho xa ufundela abantwana bakho incwadi. Oku kubanceda ekubeni baqonde ukuba abantu bokwenyani bavelisa amabali. Bacele babe ngabaphandi ngencwadi entsha kwaye usebenzise izikhokelo kwiqweqwe

elingaphambili ukuze uqikelele ukuba incwadi ithetha ngantoni na.

Buza imibuzo

Xa ufunda ibali, babuze imibuzo abantwana bakho ngalo. 'Ucinga ukuba yintoni elandelayo eza kwenzeka?' lowo ngumbuzo ongundoqo wokuphuhlisa izakhono zabantwana zokuqikelela, ezi zizakhono ezibaluleke kakhulu zokufunda nokubhala.

Phinda uyifunde... uphinde uyifunde!

Ukuba abantwana bakho bakucela ukuba uphinde ubafundele kwakhona ibali elinye, yenza njalo! Babhaqa izinto ezintsha ngebali qho xa ulifunda.

Ncedisanani

Xa abantwana besiya beliqhela ibali okanye xa abantwana abadala befunda ukufunda, bacele bakuncedise ekufundeni ibali. Abantwana abancinane badla ngokuthanda ukucengceleza inxenye yebali eliqhelekileyo – ingakumbi ukuba amagama anezandi eziphela ngokufanayo okanye ibinza liphindiwe. Funda utyatyadule kunye nabantwana abadala njengoko bezama ukufunda amagama ephepheni kunye nawe, umane uwakhomba amagama xa ufunda.

Ungayeki ukubafundela

Ukufunda nikunye kuyenziwa nakubantwana abadala. Xa abantwana besele bekwazi ukufunda, oko akuthethi ukuba uyeke ukubafundela! Khetha iincwadi ezinzinyana nezintsonkothileyo kunezo bakwaziyo ukuzifundela ngokunokwabo.

T: +27 (21) 448 6000

E: info@nalibali.org

 www.nalibali.org

 www.nalibali.mobi

 [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

 [@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)

 [@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

